



Holy Cross High School

Grade 9 Week 12

Isibhengezo ntengiso kunye nimigaqo yokwenziwa kwaso

Umhloli: K.C Gadezweni-Ludidi

Funda konkje okubhaliweyo kwiphepha elingezantsi uze wandule ukuphendula imibuzo ekugqibeleni.

IZIBHENGEZO

- Ukubhengezo ngentengiso okanye nkonzo enikezelwa kuluntu yenye yendlela
zokwazisa ngeshishini nemveliso yayo.
- Zininzi izixhobo ezisetyenziswayo apho kuthengiswa ngemveliso ukuze ifikelele
Ebantwini. Kusetyenziswa oolindixesha(iimagazini) amaphephandaba, oonomathotholo, oomabonakude iflaya njalo-njalo.
- Ukusebenzisa izibhengezo yenye yeendlela zokwazisa ngemveliso kubathengi.
- Xa ufuna ukuba imveliso yakho okanye inkonzo onikezela ngayo eluntwini
ithengwe kufanele usichonge isigama osisebenzisayo.
- Masichukumise uvakalelo lalowo kubhekiswe kuye.
- Makazive ebalulekile ngokusebenzisa imveliso yakho okanye inkonzo leyo
unikezela ngayo.
- Makabone iyilahleko kuye into yokungabi nayo kwakhe loo mveliso.
- Izibhengezo-ntengiso ezishicilelweyo, ezenziwa kunomathotholo, kwithelevizhini okanye kumabonakude ziyahlawulelwa ngoko kubalulekile ukuba uchonge amagama athi ngqo koku ofuna ukukuphumeza. Intlawulo ihamba ngegama ngalinye olibhalileyo.

ULWIMI OLUSETYENZISWANGABATHENGISI

- **Uhlobo lwesenzi- Isiyaleli**
Izenzi ezisetyenziswa kakhulu zizenzi eziyalelayo ezinjongo zayo ikukuba
wenze oko ukuxelelwayo.
Imizekelo: **Thenga, Yitya, Yonga, Nxiba, Thatha**

- **Ulwimi olujija ingqondo / oluqhathayo**
- Banga bavelana nawe kwintlungu nengxaki baze babe namacebo.
- Bathetha ngokuzithemba bengathi vu ngezinto ezibubu-ethe ethe kwimveliso yabo.
- Bangena lula abantu kookrebe abathengisela abantu imali besebenzisa imeko abakuyo.
- Basebenzisa imibuzo-buciko ukudida ingqondo yakho ichukumise nemvakalelo yakho
- Isigama sichongwa ngobunono obukhulu, kungakhathaliseki nokuba ungaveza isiphene kwimveliso leyo.
- Isibhengezo-ntengiso esenziwa kunomathotholo sabelwa ixesha ngokwentlawulo abayihlawuleyo ngaso.
- Ngenxa yoku isantya somthengisi siyakhawuleza.
- Imvakalozwi/ ithoni uyayiguquququla ngengongoma nganye ayichaphazelayo.
- Ukukhawulezisa le ntengiso ixesha elininzi uqala ngombuzo ukuvuselela umdla .
- Qaphela ukuba iingongoma eziphambili zezi:
- Inkcazelo ngemveliso ethengisayo ukuba iyintoni injani ingakanani.
- Ukubaluleka kwayo kucace, xa umthengi engenayo ubomi bakhe buzele ziinkathazo yaye usemva ngamaxesha.
- Chaza ngokomelela kwalo nto uyithengisayo okanye umsebenzi wayo mayicace kumthengi ukuba ukungayithengi kwakhe ngeli xesha angabasethubeni lokungayifumani xa seleyifuna kwixesha elizayo.
- Amaxabiso anikwa kamva sele ugqibile ukuyigonyuluka uyincoma yonke into ngemveliso leyo.
- Imibala mayibe yehlukileyo kuba abantu bathanda izinto ezahlukileyo. Xa ingumbala omnye kufuneka ube nobuciko kokulunga kombala okhoyo. Indawo mayibe kude kufuphi kuba sesinye isicwangciso-qhinga sokuba kuthengwe ngoku.
- Nika isiqinisekiso sokuba ithembekile kwaye ilungile.
- Kusenokubakho nebhaso xa umntu athe wathenga ngohlobo oluthile nto leyo yenza abantu bathenge izinto ezininzana kuba beza kuba nokuthe chatha.

Umzekkelo wesibhengezo:

UMFANEKISO



UKUTYA KAKUHLE NGUNDOQO WEMPILO ENTLE

Intlobo-ntlobo zemifuno, iziqhamo ezihambelana negazi lakho

namanzi yimpendulo kwiingxaki

zomzimba omkhulu! Thenga imifuno emitsha okanye uzenzele

isitiya semifuno. Yitya philileyo iveki neveki ngemali ephantsi.

li-apile zivuza amanzi, Imifuno iyakrumzela ityeka iluhlaza. Isixa ngasinye sibiza i-R5

Iminqathe iwalungele amehlo ukuze abengezele!

Yonga uphile!

1. Ibaluleke njani imifanekiso kwisibhengezo-ntengiso? (2)
 2. Chonga ibinzana elinokuthi lizijije iingqondo zabantu ngendlela abatya ngayo. (2)
 3. Zenza msebenzi mni iifonti ezingalinganiyo kwisibhengezo-ntengiso? (2)
 4. Izikhuzo ezisetyenzisiweyo zivuselela mvakaleloni? (2)\
 5. Ingaba wakhe wawa emgibeni wesibhengezo ntongeso? Ukuba kunjalo, yintoni eyakutsalayo ukuze uthenge wakube ubone eso sibengezo ntengiso? Uba akunjalo, yintoni eyakwenza ungathengi emva kokubona eso sibhengezo ntengiso. (2)
- 1.2. Wakube uyiphendule lemnuzwana ingentla, qalisa kengoko ukwenza esakho isibhengezo-ntengiso. (10)

Amanqaku ewonke: 20